



Isalathiso: 20190814-7904
Inombolo yefayili: 12/2/13/3
Imibuzo: J Freese

INGcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam yeGET: DCG 0015/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi beZifundo, nakwiiNqununu zazo zonke izikolo

Isihloko: Oomasifundisane be-Africa Code Week "Train the Trainer" babo bonke ootitshala bamaBakala 3 ukuya ku-10

1. Iziko i-Cape Town Science Centre libambe oomasifundisane ababizwa Africa Code Week "Train the Trainer" workshops abaxhaswa yinkampani ye-software yamazwe jikelele neyenziwa liziko i-Cape Town Science Centre eMzantsi Afrika.
2. Iveki i-Africa Code Week liphulo lamazwe ngokubanzi (*continent-wide initiative*) lokukhuthaza ukukhowudwa kwekhompyutha (ukuprogranywa kwekhompyutha (*computer programming*)) kulutsha olusebenzisa i-software efumaneka ngaphandle kwentlawulo.
3. Oomasifundisane be-Africa Code Week "Train the Trainer" workshops benzelwa kuphela ootitshala baseNtshona Koloni ngaphandle kwentlawulo.
- 3.1 Aba masifundisane bangahlawulelwayo be-"Train the Trainer" bootitshala baya kujongana noku kulandelayo:
 - Kutheni kufundiswa nge-coding/computer programming kubafundi abasebancinci?
 - Ingafundiswa njani i-coding/computer programming kusetyenziswa u-SCRATCH (i-software engahlawulelwayo).
 - Anokwenziwa njani amalungiselelo kamasifundisane we-coding/computer programming ukwenzela abafundi abaminyaka iyi-8 ukuya kweyi-16 ubudala.
 - Anokwenziwa njani amalungiselelo oomasifundisane babafundi kanye-kanye ngeVeki i-Africa Code Week, ukususela nge-04 ukuya kwi-18 Oktobha 2019.

3.2 Aba masifundisane baxhobisa ootitshala ukwenzela ukuba bafundise abafundi izakhono zokukhowuda/zokuprograma ikhompuyutha ezilula. Ukukhowuda (ukuprograma ikhompuyutha) kwenza ukuba abafundi babe nolwazi ngokukhowuda/ngokuprograma ikhompuyutha (*coding/computer programming*) yaye kukhuthaza umdla kwizakhono zokufunda zenkulungwane ye-21st ngaphaya kweklasi ezibethelela:

- ulwazi lokufunda nokubhala;
- iMathematika;
- izakhono zokusombulula ingxaki/zokucinga ngokuyila okuthile;
- izakhono zolwazi ngekhompuyutha; kunye
- nezakhono zokucinga nolwazi ngeenkqubo zezinto ngezinto (*procedural literacy*), o.k.t. ukucinga ngenkqubo zehlabathi.

4. I-Africa Code Week liphulo elikunyaka walo wesihlanu kungokunje yaye abaliphumezayo bakhuthaza ootitshala beNtshona Koloni baqhubeke ukuthatha inxaxheba kweli phulo lezembali lelizwe ngokubanzi ngokubhalisela ukuthatha inxaxheba koomasifundisane abangahlawulelwayo be-“Train the Trainer” workshops. Ootitshala abathatha inxaxheba baya kunikwa izibonelelo ezingahlawulelwayo, iziphungo neSatifikethi soKubakho (*Certificate of Attendance*).

5. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe WCED) likhuthaza izikolo zibhalise yaye zithathe inxaxheba koomasifundisane be-Africa Code Week “Train the Trainer” workshops ngo-2019.

6. ISebe iWCED licela ukuba izikolo ziqaphele ukuba imihla efanelekileyo kwaba masifundisane ngowe-**13, 14 nowe-15 Septemba 2019 (Ngolwesihlanu ukuya ngeCawa)** Ootitshala banako ukuya kwiseshoni enye kodwa mazingabikho ngaphezu kweeyure eziyi-2,5 ngalo naluphi na usuku kwezi.

UMHLA	IXESHA
ULwesihlanu, we-13 Septemba 2019	14:00–16:30
UMgqibelo, we-14 Septemba 2019	09:00–11:30
	12:00–14:30
	15:00–17:30
ICawa, ye-15 Septemba 2019	09:00–11:30
	12:00–14:30
	15:00–17:30

7. Yonke imbalelwano iya kuthunyelwa nge-imeyili, nge-SMS kunye/okanye ngefoni yaye mayithunyelwe kwi-Cape Town Science Centre. Ootitshala mabaxele ukuba bakhetha oluphi na udidi lonxibelelwano xa bebhalisa.

8. **Ukufumana iinkcukacha ezingaphezulu ngokumalunga noku okanye ngokubhalisa,** uyacelwa uqhagamshelane ne-Cape Town Science Centre ngefoni, ngefeksi okanye ngokungena kwiziko lewebhu layo:

I-foni	021 300 3200 (Ukufumana ingcaciso); 083 276 9509 (Theresa)
I-feksi	086 519 7227
I-imeyili	theresafnomfundo@ctsc.org.za okanye info@ctsc.org.za
Iziko lewebhu	http://ctsc.org.za

9. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala bamaBakala 3 ukuya ku-10 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2019-08-16